QUEENSTOWN ADVERTISEMENTS.

# PEACOCK BROS. NO WEIR,

## E KOMANI

NGABATENGI abakulu Bokutya, benika awona Manani alungileyo. E Komani apa wakuke uyekuva into abayi kupayo pambi kobuba utengise nokuba kupina.

Ihabile, Ezinkozo, Inqholowa, Irasi, Imbotyi, Lertyis, Umbona, Amazimba, bahlele benawo. qt31090

KUYA KUTENGISWA

NGAPANDLE KOMGQALISELO WENANI,

# IFAM ELUNGE KAKULU,

Ubukulu: 1,922 Acres,
KUMANDLA WASE QONCE.

IFRONTIER Insurance and Trust Company (ecitakalayo ngoku) yenzele ububele ogama lingapantsi, ngokumnika umyalelo ukuba atengise nge Fandesi (ngapandle kwe Ofisi yake), ngo

## MGQIBELO, 13 JUNE, 1891

EMINI EMAQANDA (12 o'clock),

*Ngapandle Kwamqgaliselo Waxabiso,*

I FARM NO 308, UBUKULU: 1,922 Acres, Kumandla wase Qonce

Le Fam yaziwa kakuhle ngegama lokuba yi " Tom Simpson's Farm," yaye iyenye ye Fam ezichumayo kweli lase Maxhoseni. Kuko imizi emibini kulo fam. Enye yindlwana nje encinane; enye yindlu enkulu efanelekileyo ene Rooms 6, Ikitshi, Pantry, Izitali, Neyekari, nezindlwana ezingapandle ezakiwe kakuhle nangokuqinileyo ngezitena, ziza zafulelwa ngamazinki. Lomhlaba unamanzi nemiti kakuhle, yaye ubukulu bayo ibiyelwe ngocingo. Le fam ibiselugcinweni luka Mr. SHELVER unyaka wonke, ote wayihlaziya indlu yokuhlala, walungisa ucingo oluse mdeni, nesitiya silungisiwe kanye.

Le Fam imelwe kuba itengiswe kuba i Frontier Insurance Company iza kuyivala lobizinisi yayo.

Kumbulani umhla we Fandesi: Ngo MGQIBELO. 13 JUNE, Emini emaqanda.

Uhlobo lokutengisa, olulolulungileyo kanye, lunokufunyanwa ku

T. W. HEYWOOD, Umteteli-Fandesi

# U NKATULA

UTA wubulela kunene umzi Ontsundu ngokumxuma. Uya wazisa umzi omele, kwanose KOMANI okokuba IZISULU zempahla zikona. Iblankete, Izibhalala, Ityali, Izihlangu, Isali, Imiqokozo, ne Dyokwe, njalo njalo, zihleli zodwa. Kanjako a manani ake okutenga Izikumba, Umbona, Amazimba, no Boya, njalo-njalo, angafanelekileyo ; zaye zonke ezizinto zitengwa nguye ngemali; waye enika awona manani alungileyo.

## J. LAMONT (NKATULA),

E BHULORWENI, KWA KOMANI.

Gqalani igama lake—NKATULA—yena uya "nkatula" kanobom nxa atengela Iswekile ne Kofu, njalo njalo.

A Wonderful Medicine.

# BEECHAMS PILLS

For Bilious and Nervous Disorders, such as Wind and Pain in the Stomach, Sick Headache, Giddiness, Fulness, and Swelling after meals, Dizziness and Drowsiness, Cold Chills, Flushings of Heat, Loss of Appetite, Shortness of Breath, Costiveness, Blotches on the Skin, Disturbed Sleep, Frightful Dreams, and all Nervous and Trembling Sensations, &c. THE FIRST DOSE WILL, GIVE RELIEF IN TWENTY MINUTES. This is no fiction. Every sufferer is earnestly invited to try one Box of these Pills, and they will be acknowledged to be " WORTH A GUINEA A BOX."

BEECHAM'S PILLS, taken as directed, will quickly restore females to complete health. They promptly remove any obstruction or irregularity of the system. For a

Weak Stomach; Impaired Digestion; Disordered Liver;

they act like magic—a few doses will work wonders upon the Vital Organs; Strengthening the muscular System; restoring the long-lost Complexion; bringing bark the keen edge of appetite, and arousing with the ROSEBUD or HEALTH the WHOLE PHYSICAL, ENERGY of the human frame. For throwing off fevers in hot climates they are specially renowned. These are " facts " admitted by thousands, in all classes of society and one of the best guarantees to the Nervous and Dabilitatad is that *Beecham's Pills have the Largest Sale of any Patent Medicine in the world.* Full directions with each box.

Prepared only by THOMAS BEECHAM, St. Helens, Lancashire, England.

SOLD BY ALL DRUGGISTS IN THE COLONIES.

## ICAM, ICAM LEZIHLANGU!

# U W. L. NEILL,

Uzimisele ukufuduka e Qonce, ke yonke impahla EZIZIHLANGU yake uyayitengisa ngamanani alula kunene.

IZIHLANGU (Intlobo zonke), ne FELSKUNI, (Ziyalahlwa).

Akuko nani angalitabatiyo, wonke umntu one CASH uyammema. Yizani kuzibonela ngokwenu.

## E CAMBRIDGE ROAD,

NGAKWA NYUWENI.

ISAZISO SIKA

## TIKOLOSHE.

### NGXATSHOKE MZI ONTSUNDU!

UTIKOLOSHE uyawubulela umzi Ontsundu ngokumxuma kwawo. Uyawazisa okokuba akasenanto nalamzi ka NGOMTI use Bhulorweni. Umf'omkulu yena selemiso Ivenkile yake e Koneni, malunga ne Tyalike yama Wesile pambi kwo Ntango ze Fandesi, apo ke afukame kona NEZISULU ZAKE, njalo-njalo.

Impahla ekona inxenye yayo
Amakhuba, ngamani alula, Onoxesha
Besali, bahleli bodwa, Amaxamba Eswekile ne Kofu, ngenani elilula,
Umgubo, nento yonke,
Into Yonke Etyiwayo uhleli enayo, zizisulu.
Ibhulukwe, Ibhatyi njalo njalo, zonoxesha, ziyalala.
Ihempe, Iminqwazi,
Isali, Imikala.

## Yizani kuzibonela ngokwenu.

Iseyile ne Dyokwe, ne Miqokozo, ne Water-Fatyi, ne Tyeya, ne Planga.

Akukonto Ingekoyo.

## A. J, Cross &Co.

E QONCE.

### *Abahlobo Babantsundu,*

*BESIWA BEVUKA NABANTSUNDU*

1. KUQALA

## O HADNOTT &Co. (Magqadaza),

EYONA VENKILE INDALA E KOMANI YA BANTSUNDU, babenzela amalungelo anelisayo ngelixesha lobunzima, bonke abanezikweliti kubo ukuza ku June, 1890, ngokuti bavume ukutabata nokuba li 10s. endaweni yeponti, bangabizi nzala, kuzo zonke izikweliti zabamnyama ezihlaulwe ngapambi ko December ozayo, baze bamnike umntu ilasiti ene-stamp ngokufezekileyo.

2. KANJAQO:—

O HADNOTT and CO. (Magqadaza) batengisa koze nemali, ngamaxabiso ahliswe nangokugqite abekuko, waye otenge kubo ngemali esaneliswa kangangokuba enze impinda yokuya kutenga, kubo futifuti; ngalendlela zindimbane ezitenga kubo betsalwa luhlobo abatengisa ngalo ezitoreni zabo apo abantsundu bafumana okwanelisayo ngempali yabo.

Apo nine Ledi, u Notyebisa, ukunitengela estoreni, ne " Mvo ' niyileselwe ngapandle kwexabiso.

## *HADNOTT & Co. (Magqadaza).*

*ISITORA SOMZI ONTSUNDU,*

QUEENSTOWN.

## *Amayeza ka Cook Abantsundu,*

U MZI ontsundu ucelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

Elika

COOK Iyeza Lesisu NokuxaXazo. 1/6 ibotile

Elika

COOK Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.

Aka

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe, 9d. ibotile.

Elika

COOK Iyeza Lepalo. 1/6 ibotile.

Ezika

COOK Ipils. 1/ ngebokisana.

Eka

COOK Incindi Yezinyo, 6d. ngebotile.

Oka

COOK Umciza Westepu Sabantwana. 6/. ngebotile.

Oka

COOK Umgutyana Wamehlo. 6d ngesiqunyana.

Oka

COOK Umciza we Cesine. 1/8.

Niqondise ukuba igama ngu

## G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

uba ngawenkohliso angenalo igama lake

## BONISANI.

IHASHE lam ELIMFUSA, linekolo enkulu, ezingxaleni linoboya obumhlope, linontamo enkulu emfutshane, umsila ucaziwe wenziwa mfutshane, isingci sicetyelwe esikondweni, noko sesihluma ; iginqe asigobile; likuminyaka e 7 ne 8. Olandisileyo wovuzwa kakuhle. Makatumele ku Mhleli weli pepa.

APRIL TOLIBADI.

Agnes, 10 April, 18.91. 3i285

# IZAZISO KWA BANTSUNDU.

ZEKOMKULU LASE KAPA.

*ZISHICILELWA NGE GUNYA.*

NGOLWESI-NE, MAY 28,1891.

ISAZISO No. 19, 1890.

*Surveyor General'8 Office, Cape Town, 8th November* 1890.

NGE Siqendu se II. so Mteto we 15 we 1887, kuyaziswa ukuba iziziba ezilandelayo Zemihlaba Yakomkulu ekwisiqi ngata sase Cumakala iya kutengiswa nge fandesi pambi kwe ofisi ye Mantyi e Cumakala ngo 10 o'clock a.m., ngolwesi-Bini, 9th July, 1891 ngokwezimiselo zalo Mteto ukankanywe ngentla apa, nangezimiselo ezoxelwa nangalomhla wefandesi.

Umhlaba umnye woxhonywa ngenani elitile, uyakutengwa ngowoqabela kwabanye ngemali engengapantsi kwemali oxhonywe ngayo. Unotenga lowo wohlaula ngokutanda kwake yonke, umhlaumbi isahlulo semali awutenge ngayo kwangalomhla we fandesi, ekungati

*(i)* Kungeko ntlaulo ngalomhla wefandesi isahlulo seshumi sirolwe ngenyanga ezintandatu, ize esinye isahlulo seshumi sirolwe kwinyaga ezilishumi linambini ezilandela umhla wefandesi.

*(ii)* Ukuba imali ihlaulwe ngomhla wefandesi ingapantsi kwesahlulo seshumi, isisalela sesahlulo seshumi sohlaulwa ekupeleni kwenyanga ezintandatu, ize isahlulo seshumi esisasaleleyo sirolwe kwinyanga ezilishumi linambini kususela kumhla wefandesi.

(iff) Ukuba imali ehlaulwe ngomhla wefandesi ipakati kwesahlulo seshumi nesahlulo sesihlanu, isisalela sesahlulo sesihlanu sihlaulwe kwinyanga ezilishumi linambini emva kwe fandesi elo.

Inzala yezontlaulo yoba ziponti zone ekulwini ngonyaka ; ekoti ukuhlaulwa kwazo nenzalo leyo kuqiniselwe ngabameli abafezekileyo ababini ngokwaneliseka ko mantyi—abameli abofika bazibopelele kunye nangabanye ukuba ngabo abanetyala, bengenakuzilandulela nangantoni.

Indleko zonocanda njalo njalo, netayitile zohlaulwa ku mantyi, nakubani onguwumbi owonikwa igunya loko kwangalomhla wefandesi.

Unotenga lowo wofika abhale umnqopiso ngezahlulo ezine nezihlanu evuma ukuba wohlaula inzala—eziponti ezine ngekulu, angati ukuba wayerole ngomhla wefandesi ngapezulu kwesahlulo sesihlanu, aselewenzela umnqopiso isisalela semali yentengo leyo. Unotenga woba nelungelo lokuhlaula nanini yonke mhlaumbi isahlulo semali yalomnqopiso, kungengapantsi kwamashami omahlanu eponti.

Umfanekiso walemihlaba, kwakunye nezimiselo zefandesi zingabonwa kwi ofisi yono Canda e Kapa, nakwi ofisi yomantyi e Cumakala.

L. MARQUARD,
Surveyor-General.

UMANDLA WASE CUMAKALA.

*Kwi Felkornet No.* 1.

*Kufupi Nomzana wase Cumakala.*

Lot No 7157, Umhlaba okumandla wase Cumakala, kwi Felkornet No 1, ongu Lot No 1 kufupi nomzana wase Cumakala ; ubukulu : 1 morgen 24 square roods 91 square feet; umi ngentla entshonalanga ngedlelo, ngezantsi empumalanga ngositilata, ngentla empumalanga ngomhlaba womntu, ezantsientshonalanga nge komoneji. Uxonywe nge £2; indleko zocando, njalo-njalo, £3 5s 6d ; Itayitile 12s 3d.

Lot No 7158, ongu Lot No 3; ubukulu : 4 morgen 93 square roods 85 square feet ; umi ngentla entshonalanga nge komoneji, ngezantsi-entshonalanga nge sitilata, ngentla-empumalanga ngomhlaba womntu, ngezantsi entshonalanga kwangomhlaba womntu. Uxonywe nge £7 ; indleko zocando, nezinye, £3 5s 6d Itayitile 12s 3d.

Lot No 7159, ongu Lot No 5, ubukulu : 5 morgen 112 square roods 118 square feet; umi entla-entshonalanga nge komoneji, ezantsi empumalanga nge sitilato, ngentla-empumalanga nge komoneji ne sitilata, ngezantsi-entshonalanga ngomhlaba womntu. Uxonywe nge £9; indleko zocando nezinye £3 5s 6d ; Itayitile 12s 3d.

Lot No 7160, ongu Lot No 6; ubukulu : 1 morgen 39 square roods 77 square feet; umi ngentla-entshonalanga nge sitilata, ngezantsi empumalanga nge komoneji, ngentla-empumalanga ngomhlaba womntu, ngezantsi entshonalanga nge komoneji. Uxonywe nge £2; indleko zocando £3 5s 6d ; Itayitile 12s 3d.

Lot No 7161, ongu Lot No 10; ubukulu : 4 morgen 467 square roods 109 square feet; umi ngentla-entshonalanga nge sitilata, ezantsi-empumalanga nge sitilata. ngentla-empumalanga nge sitilata, ngezantsi.entshonalanga ngomhlaba womntu. Uxonywe nge £8; indleko zocando nezinye £3 5s 6d Itayitile 12s 3d.

Lot No 7162, ongu Lot No 11; ubukulu : 5 morgen 537 square roods 66 square feet; umi ngentla entshonalanga nge komoneji, ngezantsi-empumalanga nge sitilata, ngentla-empumalanga ngomhlaba womntu, ngezantsi.entshonalanga nge sitilata. Uxonywe nge £10; indleko zocando nezinye £3 5s 6d ; Itayitile 12s 3d.

Lot No 7163, ongu Lot No 12 ; ubukulu : 1 morgen 4 square roods; umi ngentla. entshonalanga nge sitilata, ngezantsi-empumalanga ngecibi, ngentla-empumalanga ngomhlaba womntu, ngezantsi-entshonalanga nge sitilata. Uxonywe nge £2 ; indleko zocando nezinye, £3 5s 61; Itayitile 13s 3d.

Lot No 7161, ongu Lot No 13; ubukulu : 1 morgen 345 square roods 80 equare feet; umi ngentla-entshonalanga nge sitilata, ngezantsi-empumalanga ngecibi, ngentla-empumalanga ngesitilata, ngezantsi entshonalanga ngomhlaba womntu. Uxonywe nge £3, indleko zocando nezinye £3 5s 6d ; itayitile 12s 3d

Let No 7165, ongu Lot No 20; ubukulu: 3 morgen 181 square roods 59 square feet; umi ngentla-entshonalanga ngo Lot 19 nomhlaba womntu, ngezantsi empumalanga ngomhlaba womntu no Lot 11 G, ngentla-empumalanga ngesitilata, ngezantsi-entshonalanga nge eitilata. Uxonywe nge £6 ; indleko zocando nezinye £3 5s 6d ; itayitile 12s 3d.

Lot No 7166, ongu Lot No 21 ; ubukulu : 1 morgen 533 square roods 130 equare feet; umi ngentla-entshonalanga ngomhlaba womntu no Lot 12 G, ezantsi-empumalanga ngomhlaba, womntu, ngentla empumalanga nge sitilata, ngezantsi-entshonalanga nge sitilata. Uxonywe nge £3 ; indleko zocando nezinye £3 5s 6d ; itayitile 12s 3d,

Lot No 7167, ongu Lot No 22 ; ubukulu : 4 morgen 428 square roods 37 square feet; utni ngentla-entshonalanga ngomhlaba womntu, ngezantsi empumalanga ngomhlaba womntu, ngentla-empumalanga ngomhlaba womntu ne sitilata, ngezantsi-entshonalanga nge sitilata. Uxonywe nge £8; indleko zocando nezinye £3 5s 63 ; itayitile 12s 3d.

Lot No 7168, ongu Lot No 27 ; ubukulu : 1 morgen 45 square roods 124 square feet; umi ngentla-entshonalanga ngecibi, ngezantsi empumalanga nge strata, ngentla-empumalanga nge strata, ngezantsi-entshonalanga nge strata. Uxonywe nge £2; indleko zocando nezinye £3 5s 6d ; itayitile 123 3d.

Lot No 7169, ongu Lot No 29 ; ubukulu : 7 morgen 52 square roods 23 square feet; umi ngentla-entshonalanga ngomhlaba wo mntu, ngezantsi empumalanga ngo Lots Nos 49 no 12, Block H, ngentla empumalanga sitrata, ngezantsi-entshonalanga si trata. Uxonywe nge £12; indleko zocando nezinye £3 5s 6d ; itayitile 12s 3d.

Lot No 7170, ongu Lot No 33 ; ubukulu : 1 morgen 533 square roods 133 square feet; umi ngentla ngomhlaba womntu, ngezantsi nge komoneji, ngase mpumalanga sitrata, ngase ntshonalanga yi komoneji. Uxonywe nge £3 ; indleko zocando nezinje £3 5s 6d ; itayitile 12s 3d.

Lot No 7171, ongu Lot No 31; ubukulu : 1 morgen 250 square roods 65 square feet; umi ngentla-entshonalanga nge strata, ngezantsi-empumalanga ngo mhlaba womntu, ngentla-empumalanga sitrata, ngezantsi- entshonalanga yi komoneji. Uxonywe nge £2 103; indleko zocando nezinye £3 53 6d ; itayitile 12s 31.

Lot No 7172, ongu Lot No 35 ; ubukulu : 1 morgen 533 square roods 133 square feet, umi ngeutla-entshonalanga ngomhlaba womntu, ngezantsi-empumalanga ngomhlaba womntu, ngentla-empumalanga nge strata, ngezantsi-entshonalanga nge komoneji. Uxonywe nge £3 ; indleko zocando nezinye £3 5s 6d ; Itayitile 123 3d.

Lot No 7173, ongu Lot No 33 ; ubukulu : 283 square roods 67 square feet; umi ngentla-entshonalanga ngomhlaba womntu, ezantsi empumalanga ngo Lot 12 K, ng mtla-empumalanga nge strata ezantsi-entshonalanga yi komenji. Uxonywe nge £1; indleko zocando nezinye £3 5s 64 ; itayitile 12s 3d.

Lot No 7171, ongu Lot No 37 ; ubukulu : 283 square roods 67 square feet; umi ngentla-entshonalanga ngomhlabi womntu, ngezantsi-empumalanga ngomhlaba womntu, ngentla-empumalanga nge strata, ngezantsi-entshonalanga nge komoneji. Uxonywe nge £1; indleko zocando nezinye £3 5s 61; itayitile 123 3d.

Lot No 7175, ongu Lot No 38, ubukulu : 1 morgen 561 square roods 135 square feet, umi ngentla entshonalanga ngomhlaba womntu, ngezantsi-empumalanga nge komoneji, empumalanga nge strata, entshonalanga nge komoneji. Uxonywe nge £3; indleko zocando nezinye £3 5s 64 ; itayitile 12s 34.

*Kufupi ne Cumakala, malunga ne Kubusi.*

Lot No 6576, ongu Lot 111, ubukulu: 1, morgen 531 square roods 33 square feet ; umi ngentla-empumalanga ngo Lot 16 ngezantsi-entshonalanga ngo Lot 18, ngezantsi-empumalanga ngo Lot 8, ngentla entshonalanga ngendlela. Uxonywe nge £5; indleko zocando nezinye £1- 6s 21; itayitile 12s 31.

Lot No G579, ongu Lot No VI, ubukulu : 3 morgen 467 equare roods 70 square feet; umi ngentla-empumalanga ngo Lots 81 no 91, ngezantsi-entshonalanga ngo Lots V no 82, ngezantsi-empumalanga ngendlela, ngentla-entshonalanga ngendlela. Uxo- nywe nge £5; indleko zocando nezinye £4 6s 21; Itayitile 12s 3d.

Lot No 6582, ongu Lot IX, ubukulu: 3 morgen 467 equare roods 70 square feet; umi ngentla-empumalanga ngo Lots 108 no 109, ngezantsi-entshonalanga ngo Lots No 106 no 111, ngezantsi-empumalanga nge ndlela, ngentla-entshonalanga ngendlela. Uxonywe nge £5 ; indleko zocando nezinye £4 6s 2d ; Itayitile 12s 34.

*Kwi Kubusi Elipezulu.*

Lot No 7176, Isiqwengana Somhlaba esi kwi Kubusi Elipezulu, ongu Lot No 10, Block O, ubukulu : 81 morgen 500 equare roods; umi ngentla-entshonalanga ngo mhlaba ongenamntu, ngamanye amacala umi ngomlambo oli Xolorha. Uxonywe nge £150; Itayitile 12s 34.

*Kufupi Nomzana wase Ohlsen.*

Lot No 7177, ongu Lot No ll, kufupi nomzana wase Ohlsen ; ubukulu : 2 morgen 215 equare roods 60 square feet; umi ngentla ngendlela, ngezantsi nge Kubusi, empumalanga ngo Lot No 10, entshonalanga ngo Lot No 12. Uxonywe nge £5 ; Indleko zocando nezinye £2 15s ; Itayitile 12s 3d.

Lot No 7178, ongu Lot No 25 nawo ukwa kufupi nomzana wase Ohlsen ; ubukulu : 2 morgen 154 square roods 109 equare feet; umi ngentla nge Kubusi, ngezantsi ngendlela, empumalanga ngo Lot No 26, entshonalanga ngo Lot No 24. Uxonywe nge £5; indleko zocando nezinye £2 15s; itayitile 12s 3d.

*Kwi Felkornet No* 5.

Lot No 7179, oyinxalenye ye fam eyi "Lugilo," ubukulu : 41 morgen 15 square roods ; umi ngentla ngomhlaba wokuzingela No 85, empumalanga yi Strathberg No 77, entshonalanga ngo Lujilo No 75. Uxonywe nge £50 ; Indleko zocando nezinye £7 13s ; Itayitile 123 3d.

ISAZISO NGOMHLABA—No. 14, 1891.

KUYAKUTENGISWA pambi kwe nkuyamatyala yase Komani, ngo 9 a.m. 5 May, 1891, Ngesimiselo ze Siqendu If, so Mteto No. 15, 1887, umhlaba okwisiqingatana (Felkornet) so Zwaartkei, Lot 7,152, kutiwa yi Klein Bull Hoek, olunge e Kamastone. I morgen 1,350, 547 square roods, 72 square feet, i upset £1,200; indleko zo nocanda £17 I9s. ; i taitile 12/3.

MARQUARD, Umpatiswa-Kucanda.

## Ikaya Labantsundu.

(Ebelilelika Mr. Paul Xiniwe.)

MAKOWETU ! Nangu umzi wenu, asingowabelungu. ABAHAMBI baya kukangelelwa ngawo onke amatuba ngenyameko. Amahashe sesona sitali sihabile intle, itshipu. Kwimpi Esebenzayo : Ukutya okuncamisa umxhelo, okomelezayo ngemali encinane. Ukutya, ukupumla, ukonwaba. Imali yake yena uya kuyichita kwase kaya, ekubeni ama Jamani eyichita kumakowabo. Angatengela atengisele nabanina, nantonina emsitweni ongowona mkulu weli lase Maxhoseni. Ikubu litengwa ngokubonwa !

W. D. SOGA, Umninimzi.

E Market Square, e Qonce.

## KUFUNWA,

KWANGOKU i Titshala entsundu yokufundisa kwi Sikolo sase Beaconsfield. Urnvuzo £70. Abayifunayo lendawo bobhalela ka Rev. J. S. Morris wase Beaconsfield, bexela ngezimilo nokuwufanela kwabo umsebenzi.

## EDWARD T. JONES,

(Obefudula ekwa Attorney R. W. ROSE-INNES.)

UNGU MTETELI-MATYALA,

*Umbhali we Mvumelwano, no Mguquli-Magama Etaitile.*

# AMAYEZA

ADUME KUNENE,

KA

JESSE SHAW (U-Nogqala), E-BHOFOLO.

Enziwa ngemiti ekula apa e South Africa kupela.

LAMAYEZA aya yalezwa kakulu ngumniniwo, ngenxa yoku ngqinelana kwawo nezo zifo enzelwa zona ; ngenxa yoku kauleza uku nceda oku ngawenzakalisi umzimba; ngenxa yobupantsi bexabiso lawo; ngenxa yokucoceka ekweniweni kwawo; ngenxa yokungabi nasikwa letyefu; nangenxa yokuba enziwe ngemifuno engqinwayo ukuba ingamayeza.

UMPILISI WENENE (The Sure Cure).

Umciza ongazange ungakupilisi ukuluma kwe nyoka, nezinye inunu.

ELONA (Specific).

Elona yeza lesifo so Xaxazo lwe gazi nezinye izisu inkatazayo.

UM-AFRIKA (Africanum).

Umciza ongenzi xesha ukulipilisa Izinyo.

UMFUNO 'YEZA (Herbal Tincture).

Elingoyiswayo zingqangqambo zendlebe, neze bunzi, nokubeta kwentloko yonke.

UMHLAMBI 'LISO (Eye Lotion.)

Oyena mpilisi wamehlo abulalayo.

UMGEDI ORARAYO (Herbal Alkaline Aperient).

Eliqinisekileyo ukunceda ukungayi Ngasese, ukungatandi kudla, Icesine nento ezinjalo.

UHLIKIHLA (Embrocation).

Amafuta omti okupilisa ukuqaqamba komzimba, Ukuti-Nqi kwa malungu ukuxuzaka, njalo, njalo.

UMDAMBISI (Soother).

Amafuta omti okupilisa ukutsha. ukutyabuka, ezinye.

UMNCWANE WESIHLAHLA

(Confection of Rhubarb).

Incindi yoku geda iziswana ezikatazayo zentsana, nesabantwana.

UMATINTELA (Antispasmodic).

Umciza, wokupilisa ukuqunjelwa nezitepu nezinye inkatazo.

UMOMELEZI WASE INDIYA

(Indian Tonic).

Iyeza elilunge kunene kwizifo zokuba batataka, nokungatandi nto ityiwayo.

UBUGQI Magic Healer).

Amafuta akupilisa msinyane ukusikwa nezilonda njalo njalo.

IGUDISA (Emolientine).

Into elunge kunene etanjiswayo ebenza bubebu- hle bugude ubuso.

UMGUTYANA (The Powder).

Lisetyenzisiwa neli kutiwa " Lelona " xa isifo sokunamba igazi sendele.

Izalatiso zendlela yoku wasebenzisa zishicilelwe nokuzalisekileyo zatiwa nca kwi bhotilana nezitofilana ngazinye, eziti zakulandelwa ngokufezekileyo akaze angapilisi lamayeza. Ngekungabiko kaya, nandlu, namhambi ungenawo lamayeza esirweqe sokulumkela okungekehli.

Akandwa onziwa ngu JESSE SHAW, Igqira elisebenza ngemiciza, e Bhofolo, atengiswa nguve nge bhokisi nange Bhotile nangamagosa ake kwinkoliso yedolopu zale Koloni yonke, o Natal, e Free State, e Transvaal, nase Indiya,

AMAGOSA ALAMAYEZA—

*E* Qonce—Dyer & Dyer, Malcomess & Co., D Drummond A Co.
*E Ngqamakwe—Mrs.* Savage.
*E Monti*—B. G. Lennon & Co.
*E Rini-E.* Wells.
*E Dikeni*—R. Stocks.
*E Komani*—Mager & Marsh.
*E Bhayi*—B. G. Lennon & Co.
*Engqusha*—W. A. Young, E q.
Ikaya lawo e Fort Beaufort kwa Nogqala.

ISEBENZA. NGOBUGQI

## I-RHEUMATICURO!

IYEZA ELIKULU LASE SOUTH AFRICA.




Alikaze linqatyelwe kupilisa Izifo Zamatambo, Isinqe, ingqaqambo Zentloko.

Lingqinwe ngamawaka.

Umenzi walo kupela ngu

## J. JONES, Cape Town.

LINOKUTENGWA NAPINA.

Printed for the Proprietor, J. TENGO- JABAVU, by HAY BROTHERS, Smith Street, King Williamstown.

Amanani abantu ngokolubalo lubeluko ngo 5 April, 1891, kubalulwa (i) Abamhlope (ii) na Bebala afumaneke emi ngolubalo kwizitili ngezitili ze Koloni nakweli pesheya kwe Nciba : — 3

INDAWO.

Cape Division
King Williams Town
Queenstown
Wodehouse
Port Elizabeth
Herschel
Oudtshoorn
Albany
Malmesbury
East London
Paarl
Uitenhage
Somerset East
Albert
Peddie
Graaff Reinet
Cradock
Fort Beaufort
Namaqualand
Stellenbosch
Worcester
Caledon
Humansdorp
Bedford
Piquetberg
Riversdale
Robertson
Swellendam
George
Calvinia
Alexandria
Aliwal North
Middelburg
Jansenville
Bathurst
Beaufort West
Carnarvon
Willowmore
Victoria East
Stutterheim
Clanwilliam
Uniondale
Colesberg
Barkly East
Steckenstrom
Tarka
Mossel Bay
Richmond
Victoria West
Sfeynsburg
Prince Albert
Komgha
Knysna
Fraserburg
Cathcart
Ladismith
Ph lipstown
Bredasdorp
Aberdeen
Hopetown
Ceres
Tulbagh
Murraysburg
Hanover
Prieska
Sutherland
Van Rhynsdorp
Port Nolloth
Kechardt
Abahamba ngolohlo
Ez'qitini, ???

*Isiqendu II.— Abelase Gqimani olahandakanywa ne Koloni ngo 1880.*

Kimberley
Barkly West
Herbert
Hay

*Isiqendu III.—Amazwe Abantsundu awaba-ndakanywa ne Koloni ngo 1875.*

Elase Mbo.

Umzimkulu
Tsolo
Qumbu
Mt Frere
Matatiele
Mt Fletcher
Mt Avliff
Mt Corrie
Maclear

Tembuland.

Engcobo
Umtata
Mqanduli
St Mark's
Elliotdale
Xalanga
Port St Johns

Transkei.

Willowvale
Ngqamakwe
Kentani
Idutywa
Tsomo
Butterworth

Walfish Bay

Epelele Amanani

| | | |
|---|---|---|
| 415 | 26066 | 26481 |
| 65 | 21018 | 24113 |
| 130 | 23245 | 23375 |
| 299 | 22774 | 23073 |
| 616 | 17789 | 18105 |
| 86 | 13781 | 13867 |
| 210 | 11815 | 12025 |
| 1215 | 6157 | 7372 |
| 1081 | 2802 | 3883 |
| 4117 | 148477 | 152594 |
| 327 | 55166 | 55493 |
| 1001 | 33956 | 34057 |
| 71 | 28821 | 38892 |
| 273 | 21857 | ^2130 |
| 35 | 21990 | 22025 |
| 3385 | 13229 | 16614 |
| 103 | 198 | 301 |
| 5195 | 175217 | 180412 |
| 83 | 36330 | 36413 |
| 175 | 30231 | 30406 |
| 191 | 28^32 | 29023 |
| 219 | 25514 | 25733 |
| 133 | 16511 | 16644 |
| 221 | 15091 | 15312 |
| 1022 | 152509 | 153531 |
| 31 | 737 | 768 |
| 103303 | 476305 | 4873053 |
| 376787 | 1147350 | 1524137 |

## U Mr. Warren, M.L.A., e Pirie.

## Ubhalo Lwabantu 1891.

Ngokwesaziso ebesenxiwe, eli nene elingummeli we Qonce kwi Bandla le Palamente, libeko e Pirie pantsi-kwe Mahlati, ngo 21 May, ukubhlangana nepiko labantu eli balo labantsundu. [illegible] Peter Qwela uvulile ngomthandazo [illegible]

[illegible] ubalule into ekungayo [illegible] ngu Hon. J. L. [illegible] ukuba amacebo ake okuza [illegible] ukuba [illegible] ... Yena (utetayo) uyavuya [illegible] Mr. Brownlee kuba ubeyakuwa [illegible] abantu akubon' ukuba [illegible] e Dordrecht ukuza [illegible] imigama ukuza [illegible] ngamatsha-ntliziyo—u Mr. [illegible] ezingeqina [illegible] intlanganiso zafuti. [illegible] akunnaninani kuba [illegible]

[illegible] libekekileyo labo ukuba [illegible] kisa, emva kwalo nabo [illegible]

U Mr. WARREN [illegible] ngedinga awaye [illegible] ekwaye [illegible] nkubula nkuba oko [illegible] abanyuli ukuba [illegible] Mayelana nexesha [illegible] lendawo, [illegible] bekungalungayo [illegible] kwe Palamente [illegible] ezimbini pambi [illegible] Namhla [illegible] (kufuneka esikela [illegible] useleyakwenza [illegible] ezibonakala kuye [illegible] kwe Bandla le [illegible] nngaba [illegible] ukuziya nga bo [illegible] Emva kokuba [illegible] Bandla u Rulumeni [illegible] kwe Bandla icebo le [illegible] owake umgudwana, [illegible] yokuncedisana nabo [illegible] Palamente u Kapa [illegible] ekulandelwa [illegible] Palamente, imigudu ke [illegible] ngabantunywa [illegible] lowomteto u [illegible] kwatii xum ke [illegible] Kuye kwaya [illegible] kwamiswa wumbi. [illegible] ngabalula indawo ati [illegible] abantsundu. [illegible] amanene amabini [illegible] ngakontsundu [illegible] Rulumeni. Utete [illegible] Lonto yamvuyisa [illegible] besamele ukuba [illegible] nje akuko nto [illegible] Kwimiteto [illegible] njengokunba [illegible] Indawo emandla [illegible] ngengiswa kotywala [illegible] into ngokwabo. [illegible] ukuba abantu [illegible] bengabufuni. [illegible] into aziyo ukuba [illegible] into inokwenziwa [illegible] Bafike bona [illegible] Mfundo ze ke yena azilaule [illegible] ukuba kodwa banendawo abangampatise zona uyakuwenza amatuba [illegible] izonele iziroro zabo. Ubeselete akasakuba bambezela seleyakwenza amatuba engwe, uyakuvuya ukuva abangakutetayo ngelabo icebo.

U Mr. P. QWELA (Umongameli) uvuyiswe yindawo [illegible] wati yonke into elungisiwe [illegible] Rulumeni lizwe yonakalisiwa yinto [illegible] ezimisiweyo ekwakulima indoda [illegible] bofika kupume utyani, bangayazi ne ndawo abebesebenze kuyo. Kanti [illegible] utyani balentsimi mabuhlume. Ite indoda yalalela yayifumana, yayibulala. Lentaka ke ngoku bobutywala—bomlungu nobabantsundu.

U Mr. NJIKELANA ute banovuyo uku mbona umtunywa wabo eko pakati kwabo. Bamazi engeko ukuba ngumhlobo, ekuti ke nokuba abavanga nanteto bavuyiswe kubona obobungwevu bendevu nobuhlope bobuso, abe ngakumbi owolohlobo umhlobo. Bahleli bengamroreli nganto. Uyaleze bukala ngotywala esiti, kuko indawo engaqondwa kakuhle ngabamhlope, xa bona bantsundu bateta ngotywala, basuka ngati bateta ngobomlungu bodwa. Unga lingaqonda ilungu ukuba bachase utywala bonke. U Rulumeni xa abenzela iqinga ngotywala makavelele lemitayi, nentotjane inkatazo yabo ikwa nakwezonto. Imfundo—makaqonde ukuba bashushu ngayo bafuna amacebo angayo omelele kunoku. Ugqibe ngendawo abanga bona e Debe bangacandelwa.

U Mr. JIM VANTYI ute indawo yokuyekelwa kubavoti iyakonakalisa ngakumbi kubo, kuba umzi awuko evotini, kunjalonje nalo ukoyo uhleli ungatembekile kuba , ubiwa nakule voti, nangoku ' banesiroro sabantu abamagama abiweyo akutshwa. Ukankanye indawo yokuba bona apo e Pirie babetembiswe ngokongezelelwa i akile ezine kwisitandatu esingabancediyo. Ngemfundo ute mabafundiswe namashishini.

U Mr. WARREN upendule wati ngokupatelele kwindawo yokuyekelwa kotywala kubavoti uyayiva indawo yokuba bunokwanda. Icebo elivakalayo lenziwe kwipepa le Mvo ukuba abarafi bonke kwindawo ezina, bantsundu babe ngabavoti ; into inye eyoyikekayo mayelana nelicebo kukuba bangati bengenise into ezininzi ezingamalungelo abantsundu upumelele nzima umteto e Palamente, balahlekwe kwanayilendawana ivumela abavoti ukuba bayilaule intengiso yotywala. Ngendawo yamasimi ukongezelelwa, bangati bamnike incwadi yedinga ababelenzelwe ayizame.

U Mr. ALEX. MABONA ungenise indawo yobuyekezeke bomteto ongokudliwa kwamatshivela awonakalisa abantwana babantu.

U Mr. WARREN njengonozala uyayivisisa lento, ute nakuba engababeke ngadinga — akamntu wenza madinga apo angasakufeza — woyikankanya lendawo kopatiswe isiko Embusweni.

U Mr. NJIKELANA yakupela ingxoxo uvakalise indawo yokuba umzi ungekaroreli nto enqubeni yomnyulwa wabo abavuyayo ukumbona.

U Mr. WARREN ubulele amazwi amnandi awenziweyo ngaye wati, ubengavuyayo kubeko ipepa elenziwayo lento abazikankanyileyo kuba engangi angatembela ekuzikumbuleni ngentloko. Uyakuhlala elinga ukusebenza ngendlela yokuba bamtembe. Ekubuyeni e Bandla into efunekayo kukumxelela apo bangahlangana kona kupela.

Yaba iyahlukana intlanganiso ebi " yeyozolo,"

Ingxelo ngobalo lwabantu e Transvaal zibonisa ukuba abantu abamhlope kwelo ba 119,128, kwaba amadoda a 66,498, amankazana 52,630. E Rautini bamayelana 22,150 abamhlope. Akuvakali kubalwa kwe Netevu, emakube kukuba kusitiwa zizidalwa (schepsele) abantsundu ngama Bhulu. Kakade amawetu ebeyakutsho kude le kulamanani.

COLESBERG. — Into ekoyo tina apa, utsho umbhaleli, ngumhlambi omkulu wenkumbi. Ezingama andizanga ndizibone, ndazigqibela ngo 1873 zingeninzi, namhla lento yangoku isimangalisile sonke. Kunjalonje aku Msutu aku Lawu kupela wobona zanekiwe zityiwa ngabanumzana. Lento yenkumbi ngati ingu nongqause, sesisiva ukuba kuko nabelungu abasebezitya; bati zimnandi abaninizo kambe.

UMTSHATO OBALULEKILEYO. — Kunconywa ubuhle bomtshato obuse Mount Arthur. Ubalisa omnye umbhaleli uti: Ukuyola komtshato ka Mr. Maloni Xayimpi ne nenekazi u Miss L. Noboza lase Mount Arthur, umtshato ozolileyo obekekileyo opetwe kakuhle ngumfundisi wesosikalo nabantu bake. Ete nemantyi yase Lady Frere yenza inteto emandi ngenxa yokuba ababantu bobabini iyabazi kumaxesha angapambili ababezipete kakuhle, yatsho yati inenekazi elo iminyaka mitandatu lipantsi kwake lizipete kakuhle kuyo yonke lominyaka, kengoko ulusizi kunye nentsapo yake. No Mr. M. Xayimpi uneminyaka engapezulu yena waye engumntu ozipete kakuhle, angavuya betu bazama okokuzipata nase ndlwini yabo, watsho wayeka apo.

## Imvo Zabantu.

### ISIHELEGU SOKA GWIJI.

NKOSI MHLEEI,—Kaundisize ngesituba kwelopepa lako, izwi linye ngeso sihelegu sokutshiswa komzi ka Madikana Gwiji. Lomfo wakwa Qumbu uti ungu "Pantsi-Komti" uhlab' ekangele ukuzibiza. Uti kambe yena ubuzela oka Majeke. suke enze amambamfambamfa omntu otunga amapondo.

Unanina u Majeke akuti tyititi emhlotsheni azipenduiele. Umboneli unyanisile ukuti lomali, obobomi bunzima akubo u Madikane bumangele. Kanti na umntu kwa Rulumente ungumbulali wokusikwa na ngokusuko azifunele ifama engapetwe sibonda, nama Mpondo kanti akangegxekwe bani, kakade wona akazibizi ngakuba lusapo lokukanya.

Ndipela ngombulelo ke Nkosi Mhleli ngesituba salomazwi.—Owako otobileyo,
UM-KOLONI.

E Qonce, 15th May, 1891.

### NGERAMENTE YASE GILLTON.

NKOSI MHLELI OBEKEKILEYO,—Ndikubongoza ukuba undipe indawo kwelopepa lomzi. Ndindululwa yinteto ka Rev. II. Kayser, eyibhekisa ku Rev. E. Makiwane esiti, upange iramente ka yise engowelinye ihlelo. Mna ndimbongoza ngentobeko u Maneli ndisiti, sicaka Sopezulu toba igazi, xa ulitobile igazi wobona ukuba ubengafanele ukuyibhala lencwadi. Kuqala uti, yiramente ka yise, unyanisile ke, leramente ngabantu asinkomo, into engenangqondo yona ungangena uyiqube ihambe; umntu unemvo zake, xa efikile u Maneli kwiramente ka yise, ibifanele ukuti yona ize ku Rev. E. Makiwane ibulele ugcino abeyigcine ngalo, ibulise iti, namhla ufikile ubawo wetu, namhla siyagoduka. U Mr. Makiwane akangeze abambe mntu ekugodukeni kwake. Xa bali sisacopile nalapa ngokwabo ipina indawo yokupanga. Into efanele u Maneli kukuti kubantu bakayise ndinone ngantonina ramente ka bawo, angaqumbeli u Mr. Makiwane. Xa ababantu bebengabaka Mr. Makiwane beku Mr. Kayser bezitandele bona ubengeva njanina xa kubhalwa inteto eti upanga iramente ka yise. Kulungile ukucinga umntu avelele zonke inkalo; xa u Maneli ebeke wafika kwingcinga ukuba ababantu ndibapete njanina lento namhla bawushiyayo umzi wakowabo, akangeze alwe namntu. Ndinga u Maneli angatoba igazi, acinge ukuba bona bafundisi bazizitya zonyulo; litinina ilizwe elichase Ilizwi xa libona abafnndisi bexubushana emapepeni, into ebifanele ukupelela apo ibitetwa kona ngabafundisi. Zinqweneleka ngantonina izinto zabantu abakulu ukupalazwa kubantwana; lento ifana nomntu ogushe ibhotile aze ayibulale esitalatweni zize ingceba zisike abantu. Xa uva umfundisi eshumayela uye uyityise intshumayelo yake, yiyo lento nditi kubi ukuxubushana kwabafundisi. Ndingavuya ung.mdiva ndifana notshaba lwako mfundisi wam obekekileyo; ndiva ububi ingxokozelo zoyise beremente. Ndingavuya no Mr. Makiwane ati cwaka angapenduli nto kulento. Yanga Inkosi ingaba nesicaka sayo, siyibone lento. Mandipole.—Owako okutandayo,
MFAZO N. GALELA.

Gaga School, April 15, 1891.

## E' BHAYI.

Le Location ili Dukula ingapantsi ngobukulu kule kutiwa '*Ngamaxamba'* imi kwindawo epolileyo em'mangweni, engeba ukuba ibicokiswa ngabaniniyo ngekutiwa intle, kanjalo i *gazont* empilweni; be—eli Dukula limiwe ngamanene nama nenekazi. Azilapa yini into zo Sasanti, nezo Dolman, nezo Matakane, nezo Maqanda, nezo Katta, nezo Ngesi—hi?—ho.

INQUBELO PAMBILI

ngeba iyazanywa, koko idutywadutywa lndodana olusebenzisa i "7 years old," ze ufike lupete ngambini ebusuku lufuna u ' *Fika ndiko,'* lookout'—he.

" IMVO ZABANTSUNDU."

Enye into exingisayo fan' ukuba kukuba embalwa atnadoda atabata elipepa linje ukulunga, ukuba andiposisi akafiki esineni alitabatayo kule location ingakanana. Nci! ho.

IMIGCOBO YANGOKUHLWA

yiyo into eyandileyo akugqiti cawa kungabiko ntwana ya *tea,* kodwa ke zezi kutiwa " zezongqu-pantsi," apo ati amadodana angabi nanto ne mitika (tail coats) kodwa afune izikafu ezikulu zokutandela emiqaleni xa adlokoviswa ngo *Jelumama* no *Qinisani intliziyo* no *Sikov'esinempondo.* Nci! he.

IMIDLALO YASE MINI.

I club ze bhola zimbini apa yi Buchanan Brothers ne Gaika, ezi club zikolise ngo gece lwentangana esakulayo, ambalwa amadodana aqinileyo okubamba u a no r pantsi, xa kudlalwa neziqinileyo i club ezinjenge Fear Not no Tiyopiya kodwa noko *basop* Folley nawe Ross ekuvulweni kwe season ezayo. He

YO ! NGUBANI LO ?

Ewe bo, animboni betu ewe bo, Ngukroxo kamxaka ungcuk' iti bokro, Vulum nqenqenqe mbila ze Baruti Ufuman' etalatalasa sibangwe sinepeni. Hob' elisangongo loze limangal' ukusuka Ndifik'ohili befukamisana tyini! Izibhembe kutyiw' imixalagube, Imibingelelo yinkunzana yentini.

Ngu Sodididi osisu singeva yeza Ancam' u *Uppleby* ayekel' u *Sikwa* Kude kuvele xegokazi kwase Dukula Limsez' umhlonvane apil' u Sodididi,— P. W.

## Ndanihlazisa na?

No 4.

Amazwi endinawo akasemaninzi. Mase ndisiti kuvele incwadi ezimbini ku Mr. Kayser, ezizalisa ukuba uza eqonda naye ukuba iremente yase Gillton ibingeko ekumceleni. Eyokuqala uyitumele kwi nkosi yeso sixeko, umntu obambe ubukosi, nobukokeli erementeni. Ngale Sabata nditete ngayo ekupeleni kwencwadi yam yokugqibola kube kokukona ayixelelayo lenkosi ukuba ufuniwe nokuba uyavuma ukuza. Eyesibini incwadi yake uyibhale xa ase Hankey eye kufudusa usapo lwake. Kute kweso situba abakokeli bonke base Gillton bambhalela incwadi yokumcacisela ukuba iremente ayazani nokumbiza, bamkumbuza amazwi awatetayo la Sabata u Mr. H. Kayser wayese Macfarlan; bamxelela ukuba umfundisi uko kwano Madolo. Impendulo yake ivelise indawo ezininzi ebesizinakana, kodwa zingavumi ukuda zicace. Ungqine ukuba kule ncwadi ati isisimemo seremente, *akuko noko amnyc umkokeli* ogama likuyo; watsho wati, bayambalekela ngoko ukumbhalela engateti nto kubo, yena uteta nabantu abamcelileyo. Uvelise izwi lokuba yena uza ngokuze ayibange indlu yase Gillton *nokuba bangaba babini batatu abati bafuna yena;* wangena kumazwi okugxeka u Mr. Harper no Mr. Philip ngobuvila babo emsebenzini wobufundisi, okokuba yena namhla eputuma inkedama zika yise. Ute abantu ababambelelo kum ubafanisa namanxila angasavumiyo ukwahlukana noselo olunamandla ; ubafanisa nomntwana owala unina ngokuqela ibele lomntu obeqeshiwe; waqukumbela ngolokuba maze alike ndingaseko mna kwanabo bateta elilizwi belibhalwe ngabakokeli. Waza kugqiba apo.

Tina bapatiswa msebenzi sivumelene ngelokuba lencwadi siyibikele umzi wonke; kwati mhla sakwenza oko ndateta mna elokuba noko ndintsundu andikuqelile ukumenyezwa ngumntu ose Hankey ndize ndingcangcazele, ngoko u. Mr. Kayser uya kufika ndiko ndishumayela, azo alitete ndilive izwi asikupa ngalo. Mase ndingena kwelokuti ude wafika okunene: enditi bamxelele ukuba andinabupakupaku banto, waza ke namhla wandingena ngecala, watumela incwadi yokuza kuboleka indlu ukuze ziti zakuputna ezam inkonzo adibane nabantu abamfunileyo. Lencwadi ifike sise ntlanganisweni yamadala namadikoni; sagqiba kwelokuba masingavumi kanye. Qkunene ngo Mgqibelo ndimcacisele kakuhle u Mr. Kayser ukuba akuko bulungisa bungazalwa yilento ayitetayo, ngoko makayincame kupele. Ndati indlu le makangayi ngxameli, make kuqala sicokise indawo yokuba ndize ngobusolana kwa Nomadolo; ndati ukuba kuko bani otyile ubusela bam, ndopuma ngokwam endlwini. Sishiyone ngo Mgqibelo *evile mhlope ukuba mna nabo bonke abakokeli asivumi* kumboleka indlu.

Nge Sabata sibuye sadibana e Gillton, kwati xa siqalileyo inkonzo wangena u Mr. Kayser—ndaquba mna. Ndashumayela ngo Nahomi lomini. Kuti ukupela kwenkonzo asuke eme U Mr. Kayser, ati: Mfundisi ndifuna ukwenza isicelo kuwe. Ndite mna ukuba ufuna ukucela kum ndizele kuhle ngokute cwaka. Ati: Hayi mfundisi, sicelo esifutshane; ndiboleka indlu le, uti wakugqiba inkonzo zako undiboleke.' ' Ndiboleka indlu yakowetu. Lepulpiti ukuyo yeye London Mishoni, upahla olu lwendlu ngumsebenzi womkuluwa wani. Ndigodukile, ndize kubantu baka bawo. Ndinje ngo Nahomi, mfundisi ndiboleke indlu ndihlangane nabantu abandibizileyo!

Akuzifanisa no Nahomi akubangako tuba lokubuza ukuba yinyaniso na kanti lamare okungati konakele emva apo wawusinge kona. Into esuke yapumelela kukuba eyiquba nje lenteto indlu izele ngabantu beremente nabangapandle kweremente ; Ke ungena kumazwi afana' nokuqwita imatshisi esikoteni, pofu ingulamntu wayete yena akasoze abhaqwe apo kungapitizeliswa abakonzi abantsundu! Ibonakele mhlope kum indawo yokuba lamazwi aqutywa engasingiswa kum, kuba mna ndibe ndise ndipendule-koko ebesingiswa ukuba kupendule aba bantu beze etyalikeni ukuze kuvele isipitipiti. Eze ngoluhlobo nje ibiko kakade inteto yokuba mhla u Mr. Kayser wangena etyalikeni ndiya kuza ndiwe ndiyobe kukoyika, nokuba abantu bonke boza bayilahle inyaniso yabo. Intliziyo yam ivelele inkalo eziliqela, kwabonakala noko ukuba imfanelo yam inye — kukntshitshisa icebo lokuba kubeko isaqunge etyalikeni. Ite indawo yokuwanqa kwake into ezininzi yandinika ituba lokulifumana izwi endiya kupendula ngalo, laba lelokuba isicelo sake usivelisa kwisituba endisaxakekileyo kuso, make apume, bapume nabanye abantu, ndomxelela xa sendikululekile ; ndatsho ndati mabapume abantu bonke, bapumake okunene.

Kube njalo ke ukusinda kwetu lomini. Emva koko ndibize amadala namadikoni saza sambiza yedwa u Mr. Kayser; asake sivume ukuba isondele impi abekangele yona; samnika izwi abeselelazi kakade. Ute ukupuma apo waya kuseka inkonzo zokuchita umsebenzi wetu, waziqala kwindlu ongashenxanga etyalikeni. Kude ke kube namhla siti singena etyalikeni abe yena equba enye inkonzo kwase caleni.

Ilizwi ati kulo mna ndimgxotile akunikwa izindlu ngabantu unyanisile. Ute ezinkonzo zake wazenzela iqinga lokuba makaye kuzicelela kwezi zindlu zabantu abati abamcelanga, abati bona basemi kwinyaniso abayiteta ku Mr. Philip. Amaxesha amabini umane ukukangela abantu abanjalo, saza ke tina madoda eremente sababonisa ababantu ukuba bayaposisa ukurola izindlu bezirolela umntu oze konakalisa umsebenzi weremente yabo. Bovulelwa izindlu abantu abaze kushumayela u Yesu apo kukoyo imfuneko; kodwa oku kuka Mr. Kayser asikuko kuzisa Yesu. Nangoku ke nditsho ngoku ngafihlisiyo, ukuti sati tina makaye kubantu abambizileyo, lendawo ayenzayo liqinga lokurweba abantu, koko lisekuhleni. Okunene sakulitshitshisi elo cebo ufune levenkile ati namhla nqubela kuyo inkonzo.

Manditi ke elandelayo iya kuba yeyokugqiba. —E. M.

# Native Opinion

THURSDAY; MAY 28, 1891.

## LOCAL OPTION.

WE are pleased to find that the suggestion thrown out in these columns for making the Local Option measure of the Government effective in Native centres has been well received by the Press, and other leading men. Our proposal, it will be remembered was this: that inasmuch as by far the enormous preponderance of Natives are not Parliamentary Voters, Native Hut Tax-payers should, under a system of Local Option, be deemed voters. The principle of the Bill introduced by the Government is to render it impossible for a new canteen to be stablished unless two-thirds of the voters in the Ward, in which it is sought to plant such canteen, sign a prayer in favour of it; and, in regard to already established houses, if the same number of voters put in a memorial against the continuance of the nuisance, the Licensing Court has no choice but to give effect to the prayer. Now, the working of Local Option in the form proposed by the Government may work untold mischief among large Native populations. We contend that it was primarily at the instance, and in behalf of the Natives that Mr. Justice MAASDORP'S Liquor Commission was appointed; and it is not denied that the Bill of the Government is the natural outcome of that inquiry. Before the Commission our people uttered no uncertain sound that they wished Government to save them from fire water, or as one has not inaptly called it, "hell-fire." Hear what the spokesmen of thousands of Natives who came spontaneously into the town on hearing that the Commission, which showed a reluctance to face them, was in Kingwilliamstown,

We give the substance of what they said, as repeated by Mr. Justice MAASDORF to about four or five hundred of our people such as could go into the Court house. Said the Judge:

You already know this Commission has been sent by the Government to enquire what the wishes of the people are with reference to the sale and drinking of brandy and other intoxicating liquors, and whether there is much drinking among the people, both black and white, and whether the laws are good, or if there should be new laws. We understand these teachers from the different schools have come to express the wishes of the Christian people, and Menziwa, with his great councilor and two other councilors, have come to tell us the wishes of Dushani's tribe, and this is what they have told us. They say there is a great deal of brandy drinking going on among the people, causing much drunkenness, fighting, and injury to them, as well as poverty, and that they are losing their property through it. Then they say the beer-drinking is very bad for the people; that these big dances do them a great deal of harm, because when they meet together to drink beer they get drunk, and that leads to fighting with kerries, and even with assegais, and also gives rise to a great deal of immorality. They say because of that, they and you all wish that Government should prohibit the sale of brandy to the natives; that the natives should not be allowed to get brandy, and that Government should also put a stop to these big beer-drinkings where the people drink beer and get drunk. They also say the Intonjanes lead to drunken, ness and mischief, and that your mission people say it does a great deal of harm, and you would be very glad if it could be put a stop to ; that if you had your own chiefs they would put a stop to it, and that as Government is your chief you want the Government to stop it. They say these are the wishes you have expressed, and that is why they have come to tell them to the Commission; We have been told that not only do the men drink, but the women too, and if that is hot stopped it will really lead to the ruin of the coloured people. They have said you wish all this, and the Comission wants to know whether what they have said is true. We don't wish you to say it is true without thinking, and if there are those among you who don't agree with them you must at once say so, and that they are wrong, because we are here to find out the wishes of all of you. What I wish to do is this : to ask those who agree with what the chiefs and teachers have said to say " Yes," and the others can afterwards say " No." Think well before you answer. Now, those who agree with what the chiefs, councilors, and teachers have told us will say " Yes." [Apparently all the people said "Yes"]

We now want to find out if there are any among you who don't agree. You need not be afraid to say what you think. Those who do not agree with what I have told you has been said, will say " No." [There was no response.]

You have told us your wish, and we will tell the Parliament and the Government, and they will do what they think right. All that your chiefs and teachers have told us has been written down, and will be published, so that everybody can read it.

To all this the hundreds of thousands of natives in this Colony, who were not present at this meeting with the Commissioners would have responded, Amen ! Now, it is proposed that Parliament should meet the wishes of the people for protection by granting them Local Option. Let us give an instance of how it will work, unless some such amendment as we have proposed is adopted. The number of voters in the fieldcornetcy from which these people—Imidushane— came, is—it will scarcely be belived —*eight,* of whom only *three* are Natives; the remaining two-thirds being white canteen keepers and a trader. Need we enlarge upon the practical effect of the Local Option Clauses, if passed in their present form, among the thousands of our people in the Tamara area? The two-thirds of canteen people here will have the power of multiplying canteens to their hearts' content; and the last state of the Bushani people will be worse than the first. This is but one instance, taken among many, of the way in which the Government Bill will work in districts with large Native populations. In the Peddie division where there are 15,000 natives, scarcely *fifty* are voters; and these are on private farms of their own. Indeed in Native centres purely it would be found, as in the Tamara section of Kingwilliamstown, that there are hardly any voters at all, as they were all wiped off by Sir GORDON SPRIGG'S Disfranchisement Act. Now there are 350 voters in Peddie; and therefore our people will be at mercy of the 300 Europeans as to whether there should, or should not, be canteens among them; and we are as yet not satisfied that public opinion among our white friends, especially of the type that is to be found in Peddie, is sufficiently educated on this question to resist the establishment of new canteens among the Natives. This state of things can only be remedied in the manner we have proposed, coupled with the proviso that liquor be consumed on the premises, so as to make it impossible for it to be carried into places that have banished it.

LAMFLOUOH TRAINING INSTITUTION (GIRL'S), BUTTERWORTH.—Results of 1st Inspection.
Presented Standard V. 8, passed 8 ,, ,, IV. 19, ,, 16
,, ,, III. 36, ,, 34
II. 4, ,, 4
Adding the five failures to the next Standards, the results read : Standard V. 8; Standard IV. 16 ; Standard III. 37; Standard II. 6. Total 67. The result is very gratifying and will raise the Institution in the estimation of the Natives.

## Notes of Current Events

NATIVE LOCAL VETO.

WE welcome the support of *Grocott's Penny Mail* for the proposal for "Native Local Option " (this is the description our contemporary gives it.) The Local option posed by the Government may suit European communities; but as we have shown elsewhere it will do incalculable injury in Native centres. So we must insist upon " Native Local Option." This is what *Grocott* says on this subject :— " ' IMVO' is right in its statement that only registered voters may take part in vetoing the proposal to establish a canteen in their neighbourhood, or if they alone can take part in closing a canteen that is deemed unnecessary or mischievous, the power of the natives will be little more than *nil,* as so few of them are registered voters. IMVO suggests that for the purposes of the Liquor Law all payers of hut tax should be deemed voters, and should have a voice in the regulation of the drink traffic in their own neighbourhood. The suggestion is well worthy of consideration"

OPENING OF

THE speech with which the Cape Parliament was opened by His Excellency the Governor on Tuesday last recourts the rapid ' strides South Africa has taken during the year in railway progress, and the entering of Basutoland into the Customs Union. The affairs of Pondoland haye caused Government much anxiety owing to the chronic state of unrest resulting during the year in an inter.-tribal strife. With the co-operation of the Government of Natal it has been possible to guard the borders. After a reference to the census, and to the falling revenue, among the measures already published, the Government intend to introduce one "for the creation of a Minister of Agriculture. On the whole the Speech exhibits a bouyant spirit, with respect to the prospects of the Colony, which is encouraging.

FROM the *Frontier Guardian* GLEN GREY, we gather some idea of the mission of Mr. Francis Graham, the Special Commissioner to Glen Grey. Although the terms of his commission are naturally kept as a secret,''yet our contemporary says that " Those capable of forming an opinion, however, surmise— from the questions put by him and the nature of the information he was eliciting and gathering—that it was for the purpose of endeavouring to ascertain whether it would not be possible to huddle the large number of Natives now residing in that already overcrowded locality into a smaller area, and make the land from which they will thereby be cruelly and illegally driven available for European occupation."

THE *Guardian* expresses PUBLIC FEELING what we have had oppor- ON tunities to know is the GLEN GREY, feeling of the people on the Frontier on the subject. It says:—We sincerely hope that all honest, fair-minded, and fight-thinking men, of all shades of politics, will protest against such barefaced rascality and robbery, which would simply moan breaking faith with the rightful occupants of the ground in question, who are an industrious, peaceable, progressive, law-abiding class of people, and whose progress and advancement, more especially of late years and in the face of almost insurmountable obstacles, have been truly remarkable. The recent Census Returns show that the Glen Grey District contains a Native population of 39,845 souls, who are possessed of 83,4131 cattle and horse, 262,211 sheep arid goats. Last year these Natives harvested 130,116 muids of mealies and Kafir corn, " 44,335 muids of other grain (wheat, barley etc.), and 255,002 bundles of oathay,' whilst their flocks produced 801,944 lbs of wool and mohair. Facts and figures are stubborn things to combat. We are confident that Mr. Graham will furnish the Government with an accurate, fair, and impartial report, made after careful examination and inquiry, and the Natives may rest assured that any fraudulent attempt to dispossess them of their just rights will be resented and fought against by a large and influential section of European Colonists, who pride themselves upon being lovers of fair play, irrespective of class or colour.

THE only objection the THE *E, P. Herald* has to the "HERALD'S" suggestion, that under a FEARS. system of Local Option the list of hut-tax payers be taken as an equivalent for the Parliamentary voters register, is the fear that " the first man coming would get the vote which ever way it might go." This statement, we beg leave to say, is founded on an inadequate knowledge of the Natives of this country, who, we were under the impression, had shown suffi- , ciently that in public matters of this sort, they can neither be wheedled *or* bribed into a course against which they have made up their minds. The *Herald* must have forgotten the stand for principle Our ' people took at the general election when they spurned a member of the Government who dangled his position before their gaze, and went solid for Mr. R; Solomon, who had nothing but the justice of his principles to recommend him.

THE Hon. J. X. Merri- MR. MERRIMAN man lectured in Cape ON Town last week before AFRICANS, the Young Men's Christian Association,- and gave an interesting and instructive account of the former inhabitants of Africa more especially of the North, avoiding, as calculated to raise controversial matters, reference to the Native Question as it presents itself in South Africa. What, however, his method of ' treating his subjects seems to lead to, is to impress upon the more civilised race the wisdom to act with scrupulous justice and forbearance towards those whom au all-wise Providence has placed in their hands, and they should be able to control their destiny without fear; and this is correct.

THE E. *F. Herald* points A STARTLING out what many, who were FACT. not aware of it before, will regard as a startling fact, that:—" The Cape Colonist pays 12s 6d upon his hundred pounds of coffee, and the Natalian pays only 4s 2d. and the Cape man pays this extra tax year by year at the command of the Bond, in order that brandy should go untaxed. No one can gainsay the fact, and we repeat that this shows the wonderful influence of the Western Bondsman, for he has made the Eastern farmers follow him. He has made the Eastern farmer tax himself heavily all round to keep brandy free, and the Eastern farmer knows, in addition, that cheap brandy is the ruin of his servants and the cause of nearly all the stock thefts. It will not last, of course, but the wonder is that it has lasted for a day." The fiscal system which admits of this anomaly must be rotten to the core; but we are under the impression that under the Customs Union Convention the Cape cannot impose an Excise without the consent of the Free State, which in all probability would not be granted.

| Umahlulo. | Abamhlope M | Abamhlope F | I Netevu, M | I Netevu, F | Ama-Bhastile. M | Ama-Bhastile. F (1 to 1 *) |
|---|---|---|---|---|---|---|
| Vryburg ... | 1816 | 010 | 1409 | 916 | 192 | 93 |
| Mafeking.... | 667 | 294 | 129 | 33 | 77 | 49 |
| Taungs | 286 | 150 | 209 | 39 | 49 | 42 |
| Kuruman .. | 96 | 70 | 104 | 83 | 124 | 156 |
| Gordonia ... | 402 | 333 | 712 | 68[illegible] | 1180 | 1159 |
| Total ... | 3167 | 2087 | 2593 | 1758 | 1622 | 1[illegible]99 |

2


# KWABAZA KUTSHATA

KANIPOS'AMEHLO APA!

Nitini ngesisivato Somtshato esitungwe kwa

## PASCOE (kwa " FOLOKOCO,")

Kingwilliamstown. Yixeleni into embi kuso, ukuba iko.



ITYALI ZETU-UYEVA? ESPECIALLY ezabatshakazi. Ngalibali:—PASCOE (kwa Folokoco), ngezantsi kwetyalike ye Zikotshi, e Qonce, apo nom'bona kona SALUFU.



# GIBBERD & BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN.

Imicako Yelokwe Zesitofu Emitsha, 4d, 6d, 7d, 9d 10 ½ d, 1s., nge yadi.

Ikeshmiya Emnyama, ebungqingqwa bupindiweyo, 9d iyadi.

I Satin e Brokedi Yokutshata 1/6-, *2/-, 2/6-* nge yadi

I Satin Zokutshata, 1/-, 1/6- nge yadi

Ilokwe Zokutshata. Iminqwazi Yokutshata.

I Satin e Brokedi Yelokwe Zokutshintsha.

Ityali Ezinamagqabi-

Ityali Ezimabala Mabini.

Iprinti ezibu Keshmiya, ezilungileyo kanye, 6d iyadi.

YONKE Impahla YOKUTSHATA iko apa.

GI B BE O D & B R Y A N T



# IFANDESI ELIKULU

LO MESSRS. SMIT no VAN DEN HEEVER.

NGAMA lingapantsi, eyalelwe ngu Mhlolokazi u ANNA JACOBA KRUGER (elobuntombi HATTINGH) osele Nomzi womfi u HENDRIK WILLEM KRUGER, uya kutengisa nge Fandesi

## NGOLWESI-TATU, 27 MAY, 1891,

KANYE NGO 10 a.m. KUSASA,

## E SWEMPOORT,'

Uhambo lweyure enehalafu (ukwele) usuka e Dodoloro.

KUQALA

1000 Imazi ze Gusha (Merino), zityebile zingena Lukwekwe, azikacetywa.

600 Amatakane, nawo awaua Lukwekwe, aye engeka cetywa nawo.

100 Lehamile Ezintsha, zityebile zingena Lukwekwe.

25 Inkunzi Zegusha Zohlobo.

41 Inkabi, eziminyaka ipakati kwe 3 ne 6, zityebile kanye.

10 Inkabi Dyongosi, azikaqalwa.

22 Imazi Ezisengwayo, zinamatole.

23 Imazi Zenkomo, ezomileyo.

25 Intsapokazi.

1 I BHOKUVA.

3 Imerikazi ezina Mankonyana enkunzi yohlobo u "Champagne Charlie."

2 Inkunzana Zamahashe.

KUMBULANI USUKU NENDAWO

## Ngolwesi-TATU, 27 MAY, 1891, e "Swempoort."

Ityala lexesha elide liyanikwa. Kutengiswa ngohlobo oluya kuba lilungelo kubatengi. Into ezisiwa pantsi kwempumlo ziya kubako.

J. P. SMIT, Umteteli-Fandesi.

Smit & van den Heever,
Attorneys for Seller.
Dordrecht, 4th May, 1891.



YIYANI KWA

# C. A. JAY & CO.,

E QONCE,

XA SUKUBA NIFUNA—

Izikonkwane—Into Zokusebenza
Imela ne Folokwe
Ikoyi—Ikomityi ne Pleti
I Lampi
Impahla yendlu yonke, njalo njalo

Kukweko imisesane YOKUTSHATA YE GoLIDE, neye NGEJI ETSHIPU.


## ABATSHATILEYO.

M AQUBELA-QABAKA. — E MacFarlan, Tyume, ngo 31 March, 1891, kutshatiswe ngn Rev. G. Nqana, wukwa Matole, u HAIHAI MAQUBELA wase Bholo, no HLOLELWA QABAKA intombi enkulu ka Mr. Qabaka wase Rwarwa. 3i215

## ABAZALWEYO.

TSEWU.—Ngomhla we 5 May, 1891, Inkosikazi ka Rev. Edward Tsewu ibeleke INTOMBI, kwa Gqumahashe. 3R26


# "THE AFRICAN and AMERICAN WORKING MEN'S UNION"

BAYAMENYWA bonke abantu abanqwenela ukuba ngaba Bambi Bezahlulo (Shareholders) kolu Manyano lukankanyiweyo ngentla. Izahlulo (shares) zingafunyanwa ngeponti sisinye (£1 per share). Inani Lezahlulo (shares) elifunekayo ngamawaka amahlanu (5,000), yi Ponti Sisinye Isahlulo (share) ukwenza imali efunekayo engamawaka amahlanu eponti (£5,000), ukumisa indawo zama Shishini e Colony ; ngomgqaliselo wokwenza nokupakamisa inkutalo kweliliziwe, njalo.njalo. *Kufunwa abantu Abantsundu kupela.*

Bonke abafuna Izahlulo (shares) kule Nkomponi, bangazifumana ngoktumela i Post Office Orders eziya kuhlaulwa ku Mr. MOSES D. FOLEY, Port Elizabeth. Wonke umntu Obamba Isahlulo (Shareholder) wotunyelwa Ipepa (Shareholder's Form), kwakunye ne *receipt* yemali etunyelweyo,

QONDA.—Imali Zokungena (Entrance Fees) kule Nkomponi yi Sheleni Epontini (1/ to every pound). Ezimali (fees) zenzelwa ukuhlaula indleko. Izahlulo (shares) zinokufunyanwa kulenyanga u May kude kube lusuku lokugqibela ku November, 1891.

*Secretary* GEORGE A ROSS, *Trustee* MOSES D. FOLEY,
2811 *Treasurer* OZIAS IIENDERSON, *Manager* HENRY J. PHIPPS.



# KWA KATA

# Kutengiswa

# Tshipu:

# ONGXAWU

# ABA 2,000,

Kuqalela kwabancinane (1 gallon),

Kuse Kwabakulu (50 gallons).

Inkoliso inendawandawana, ngoko zitengiswa NGEHALAFU YEXABISO LAW0, (zitshipu).

## W. O, CARTER & CO.

Kingwilliamstown.



ELIKA

# ORSMOND

## IYEZA ELIKULU

LASE AFRIKA.

UMPILISI WEZILWELWE

Ezibangwa kungcola kwe Gazi, nokuba sihla bumini, ukule naso

Nokokuba sihle ngayipina indlela,' ezinjenge Hashe, izifo ezise Lufeleni, Ukujaduka, Ukuti nqi kwe sisu, Izifo ezise Mbilini, Ubutataka, Intswela butongo, Ubutataka be ngqondo, Izifo zesi Fuba, nent'eninzi yezilwelwe zama Nkazana, njalo, njalo.

Kangela Encwadini abapilisiweyo nendlela elisetyenziswa ngazo, zibhalwe ngesi Ngesi, Jelimeni, si Bhulu nesi Xhosa.

Emva kokuli sebenzisa ixesha elide selenamava amaninzi umninilo, uliyaleza ngengqiniseko eliyeza ukuba liyayi pilisa inkoliso yezifo zabantsundu base Afrika, kwanale Fiva (cesina) yase Dayimani, kona kwesi sifo sabantu abamnyama liyi nqobo.

Kawulilinge please. Litshipu, ibhotile zisheleni zontatu, izele liyeza elinga tata intsuku ezilishumi. Ibhotile nganye ihamba nencwadi ene nteto yesi Xhosa. ~

Lilungiselelwa umninilo kupela ngu

## G. E. COOK,

KING WILLIAM'S TOWN,

Linoku zuzwa kwinkoliso yaba gcini mayeza kuyo yonke Ikoloni.


## ISAZISO.

UKUBA Inqwelo ka Xhelo wase Tywina, e Batenjini, knmandla wase Engcobo, evayize lukandwa, esekudala igqityiwe, i AYIKULULWANGA ibatalelwe ngu Mniniyo pakati kwesimba esi Veki Ntandatu i kusukela kwi 1st MAY, 1891, kuye kwi 15th JUNE 1891, Inqwelo leyo iya kutengiswa ihlaule indleko zonke.

*Witness : A.* GONTSHI,
Agent pro. G. Bridger,
Esixonxweni, Ngqamakwe,
27th April, 1891

G. BRIDGER,
6t96 Umkandi we Nqwelo.

## BONISANI.

ONDILANDISE la mahashe ndomvuza ngokufanelekileyo :—Yinkabi emnyama itshiswe ngasekohlo ngo J Z, inezazinge ezimhlope kuwo omabini amehlo, liyiponi enesiqu, ubudala yiminyaka esibhozo. Elinye , litokazi eselilikulu, liminyaka mihlanu, libomvu, linopupu olumhlope kwelingasemva inqina ngase kohlo, lenziwe isikewu ngase mva kwindlebe yokohlo. Ondilandisayo wotumela ku David Mzimba, e Gala.


Incindi Epitikeziweyo

—YE—

## LINSEED NE HOREHOUND.

Lelona Yeza le NKOHLOKOHLO INGQELE, nazo zonke Izikuhlane zo MQALA ne MIPUNGA.

1/6 NGEBHOTILE.

*21-* LITUNYELWE NGE POSI.

Ngamanani Nanganye kwa

## GRAY, Chemist and Druggist,

CAMBRIDGE ROAD,
KING WILLIAMS TOWN.



OLUKA

## Gowie Uluhlu Lwezityalo.

Luka MAY.

IXESHA lokutyala i ROSES ne MITI YEZIQAMO, kwane STRAWBERRIES, lilo eli.

Abafuna ukutenga bayakunjuzwa ukuba bangafumana kuti, ngapandle kwexabiso, Uluhlu lwezityalo ze Rose ne Miti Yeziqamo yelixesha, kunye namaxabiso ayo, ekukwako namanqaku axela ngokulungiswa komhlaba nangokutyala.

Ezona Ertyisi zintle, na Matswele, ne Mbotyi Ezibanzi, zibako xa zityalwe ngalenyanga. Hlwayela kanjako i Kapetshu, Lettuce, Leek, ne Radish.

W. & C. GOWIE,

GRAHAM'S TOWN.

*Telegraphic Address:* " OATLANDS."


## ISAZISO.

U MR. R. W. ROSE-INNES, Umteteli. Ematyaleni, njalo njalo, usawuquba umsebenzi wake kwanjengo kwangapambili. Ngumninawa wake, u Mr. C. Rose-lnnes, ongu Mteteli enkundleni yase Monti, E Ofisini yake e Qonce nanamhla usakunyamekele ukukangelela Imicimbi yaba Ntsundu ngonomelelo lonke.

## IHOLIDE.

I SIKOLA SENTOMBI sase Mgwali (ka Ngqika), siya kuvalwa ngeziholide ngo 10 JUNE, ize zibuye sivulwe ukuqala umsebenzi ngo 13 JULY.

2it46 M. W. HOPE.

## UMANYANO NGEMFUNDO.

INTLANGANISO ye Standing Committee yodibana ngo 29 MAY, 1891, ngo 7'30 p m. e Kayeni Labantsundu e Qonce. Amalungu e Komiti ayabongozwa ukuze abeko.

KENNETH MCA. NCAPAYI,
Secretary N.E A.

" Imvo" Office,
King Williamstown,
19 May, 1891. 2i285

## KUBAHLOBO BE 'MVO'

ABAHLOBO betu abangekayi hlauleli i Kwata epele ngo 31 MARCH, 1891, bayacelwa ukuba benjenjalo kwango May lo. Eli likwa lixesha lokuhlaulela i Kwata ka JUNE, lingekenyuki ixabiso.

J. TENGO-JABAVU.
May, 1891.

## Iveki.

EZIVELA e Pungwe zixela ukupitizela.

BAQALILE bayavuna e Ngqushwa nakweli.

I PALAMENTE yase Kapa ivulwe ngolu lwesi Bini.

KUNCONYWA ukwanda kwesifo sevilepere pesheya kwe Nciba,

SIBHINQISILE isifo samahashe e Natal. Kumahlulo we Newcastle wodwa kufe 150

IPEPA elalisiti kezabonwa e *Transkei* inkumbi laye lifun' ukuti zibonwe e *Transvaal.*

U RULUMENI ugqibe kwelokuba okwangoku angawaki umcancato pezu komlambo oyi Gamtoos ngase Humansdorp.

ABANTU abasinge kwelama Ngesi ngomkombe oyi *Dunotter Costle* ngeveki egqittileyo ba 340.

U RULUMENI ucinga ukwaka i hospital yama qenqa ase Transkei ngase lwandle kulwagcibe lwakwa Gcaleka.

ZIVAKALA kuyo yonke imizi emikulu ngoku inkumbi e Transvaal—enjenge Johannesburg, Pretoria, ne Barberton.

INKOSI yela Bahlambeli u Montsioa udliwe £10 ngokumangala nehashe elifunyenwe kuye, ati ubezakulisa kumantyi ngokwake.

UMTETELI Marike yase Beaconsfield u A. S. Smith unikwe iminyaka emitatu yi Jaji e Kimberley ngokuba imali yemalike eku £390.

NGOLWESI-TATU lwegqitileyo kutshone elwandle umsebenzi—i Kuli —xa apezi kwe Jeti e Bhai. Kutiwa ebehlala ahlale ale nesatotwane.

UMFUNDISI wase Baptist, wase Cradock, u Rev. C. Denyer ufe ngebhaqo ebulawa sisifo ekutiwa sesentliziyo ngo Mgqibelo ogqitileyo.

ABAVUMI be African Choir bebezimisele ukusinga kwelama Ngesi ngomkombe oyi *Warwick Castle* osuke e Kapa ngolwesi Tatu lweveki egqitileyo.

UMNTWANA wefama elingu Mr. Coester ngase Lututu (Sterkstrom) uwe etrenini ngefestile, wenzakala kangangokuba kubonakale enqunyulwe ingalo.

NGOKUDUBULA kweruluwa ebise trenini ngase New York kwelama America kufe ishumi elinesibhozo labantu kwenzakala amashumi amabini anantlanu.

KUBHALELWE emapopeni ngu Mr. Mayes ukuba u Gungunyana inkosi yelakwa Mzila ayina Nduna izitume pesheya kwelama Ngesi, njengokuba bekusitiwa kuko eziwele nge *Roslin Castle.*

KUNYATELWE Umxhosa yinqwelo kaloliwe ebelelepezu komgaqo enxilile e Boksburg e, Transvaal. Omnye uwelwe ngamatye emngxunyeni we Crown Reef e Johannesburg, wafa ngepanyazo.

Kuko abafo abate bewela e Nxuba basukelwa ngu rebe, bada ngokuxinwa liramnco bayilahla impahla abalahlekwe yi £9 ebikuyo. Kwakwelo zibuko kutiwa urebe waka watabata umtamo omandi emfazini owayowela ; into engumangaliso kukuba usapilile nanamhla.


# IMVO ZABANTSUNDU.

NGOLWESI-NE. MAY 28, 1891


## UMBUSO WOBUNENE.

AKUKO ungayitakazeleliyo impato yobunene. Njengokuba kuhleliwe iko impato yobunene nepantsi. Amangesi egazi azidla ngombuso wawo wobunene Yile mpato ebango ukuba ubukeke umbuso wama Ngesi: yaye iyakuba yimini embi eluntwini lonke mhla amanene use Mangesini apumayo kulowo mphunga wokuzidla ngobunene bawo—mhla anyula impato ebuxelegu. Kukwa yimfanelo yabanumzana abapete umbuso kweli ukuyipatela ngobunene Inkosazana abantu bayo ukuze isiko lihambe ngemikondo elihamba kuyo e Englund. Kuti ke nakubeni bene Palamente yabo abase Koloni e Kapa kuhlale kusivuyisa ukuba kubeko amanene awomgquba ase ma Ngesini afumana izihlalo kwelo Bandla. Oku kungokukodwa kwellizwe apo kwande ama Bhulu azimvo, mayelana nempato yabantu, zingangqinelaniyo nezama Ngesi.

Ezingcamango sizibangelwa zizipitshi ezibini ezenziwe linene u Mr. II. T. TAMPLIN mhla wanyulelwa ekubeni lilungu le- Dike ne Ngqushwa, esinye wasenza e Alice esinye e Lovedale. Kwezi nteto sibalula umphunga omhle wenene lase Mangesini elinqwenela ukuba umbuso upatwe ngokwesiko nesoko lama Biritani isiko elibukekayo. Umxholo wempato yama Ngesi egazi ungowobunene kwapela, awunanto zipantsi zamasheyi namayelenqe. Umntu wonke pantsi kwawo ukangelelwa imfanelo nokuba ungowalipina ibala nonqulo kwalamfanelo inikwa owegazi, kube kusenzelwa ukuba nowase mzini angaziva bunkedama bake akuba efike embusweni wama Biritani. Yile mpato esiti yeyobunene, yaye iyimpato ete izizwe zakowetu zase Afrika. Kuyinto elilungelo emzini ukuba kubeko amanene, anjengo Mr. TAMPLIN, awengxam yobu Ngesi nase kumongo wobunene base Mangesini, amana ukungena e Palamente ukuba umphunga wobungesi ungapeli kanye embusweni. Amanqaku asibangelayo kwinteto zika Mr. TAMPLIN soka simane ukuwabeka pambi komzi. Ute lomnumzana ebulela ukwamkelwa kwake kakuhle ngabo bonke:—

Abambopelelanga ukuba azo axhaso nokuba ngulo Rulumeni upeteyo nokuba ngomnye. Uya kuzama ukuba ngoko kumtemba kwabo aziqwalasele ngenyameko into ezenziwa ngu Rulumeni, ejonge ukuba zihanjiswe ngamabala abalulekileyq, azekayo, awalata umbuso omhle nolungileyo. Zihloli ziko imbasa zombuso olungileyo atembayo ukuba azisoza zitshonele. Ukwamkeleka kwake kumapepa endaba alo lonke, amnqwenelele impumelelo, kumbangele okunye ukuba aqonde ubukulu bezinto ezijongiweyo kuye. Ute uyatomba ukuba akasokubadanisa abaxhasi bake nabalupina udidi. Kutabatela kweloxesha akasakuba sasekeleza nayipina into yesake isiqu, kupela into eyoba lilungelo kwabo bamnyulileyo nelilungelo lomzi. Nawupina ote akwalatelwa kwisihlalo ebandla wabuya wasekeleza elake ilungelo sazeke engasalifanele iwonga alinikiweyo.

Mayelana nenteto zamanene apete umbuso asand' ukuzenza wenjenje umfo ka TEMPILENI :—

Emva kokuba ndaba nentlanganiso e Town Hall kubeko. inteto ezenziwayo ngabapatiswa Mbuso kwindawo ngendawo. Inkulu-Mbuso itete kwi Bandla elibalulekileyo le Mbumba yama Bhulu e Kimberley; Umpatiswa-Koloni wenze inteto kwimizi ngemizi yelilunge Emaxhoseni; Umgcini-Ndyebo no Mchazi-Mteto (owayeke engummeli wesisitili e Palamente) batete o Bhai. Kodwa kuyo yonke lenteto ayicaciswa eyona mikondo azimisele ukuyiquba ngayo impato u Rulumeni, nakuba kubonakala ukuba uyipapamele yona imicimbi yokuma kwelo lizwe.

Amanqaku angemicimbi emandla kumawetu awenziley.o u Mr. TAMPLIN avakala kamnandi. Ute :—

Kuyimfanelo yake wonke umntu olungileyo ukubutshitshisa utywala ngesake isiqu, ngokwenjenjalo ancipise umonakalo ongeniswa bubo. Kekwatiwa Abamnyama makungenziwa' Into ukubasindisa ekuzibulaleni ngokwabo ngotywala, kodwa mabavunyelwe xa batandayo ukuba bazibulale ngetyefu, eyi Brandy njengabamhlope. Kodwa wonke uyazi ukuba indela yenxila ukuhlela ebuxelegwini inamabanga. Njengokuba ke lilikulu kangaka inani labantsundn ngapezu kwelabamhlope, kolunga ntonina kwakuyela imo yezinto oyakubanga ububhovubhovu, ubusela, nempango bo zonke ibangwa ngumkondo wamanxila amnyama. Lilipina ikaya kwane ntsapo eliyakubuye libukeke kwaku??? njalo? Lo ngumcimbi owoyikekayo ofanelwe kukuba uqondwe kakuhle. Uyavuya ukuteta ngalomcimbi kumzi omelwe ngabamhlope nabamnyama abangabavoti. . Uyayuyiswa yimvisiswano ebonakalayo ekunyulweni kwake ngamoya mnye ngalamaqela onke. Ukuba kubonakala zibulawe ngetyefu yotywala i netevu kungalunga ukuba sesizidubula zisifa kwangoku, sibhubhise nezihlalo zezicaka ezintsundu, okanye sesizenza amakoboka kube kanye.

Uyiqoshelise ngamazwi amakulu inteto yake u Mr. TAMPLIN. La :

I Biritani Enkulu ukulinikela eli ilungelo lokuzipata, yayibatemba abantu ukuba bayakuluquba ulaulo ngesiko lamanyange asema Ngesini, ukuba banyaniseke ukupata ngalo mikondo ibalulekileyo yempato yemfanelo, eti ukuba ukuba ibanjiwe, yonke enye impato ifaneleke. Kuhlala kubhekiswa inteto kumakwenkwana eskoleni ngabantu abalungileyo ezijonge ekubeni abe ngaba lungileyo. Kodwa ngazwinye yonke lonto iti: Yibani nilungile ; ningaze nixoke ningaze nibe. Kukwanjalo nangombuso, kuko ingongoma e inokuti zivelelwe—konke kulunge. Umteto ulungile nokuba nzo ngobukati kumgqiti nokuba limnyama nokuba limhlope ibala lake. Ngubanina ongati kuba limhlope ibala lama Yuropu ngoko azingelosi zokukanya, engubanina nongati kuba limnyama elabantu beli lizwe ngoko lalata inkohlkalo. Ukuvelela ingongoma zemfanelo nobulungisa embusweni siqalo nesipelo sento yonke.

Ihambe kwakulomphunga inteto ayibhekise kudodana lwase Lovedale u Mr. TAMPLIN ngokuhlwa kwalomini yonyulo; Amazwi ako angancomekayo-

Uyalezo bukali kwintsapo entsundu ukuba onke amatuba abanawo bawasebenzisele ubulungisa, kuba ilungelo yabo neyomzi ontsundu ixhomekeke ezimilweni zabafundisiweyo. Ute uyatemba ukuba akuko nanye kumakwenkwana ama Ngesi eya kuzingca ngebala pezu kwabamnyama ukuba ibabandezele ibacekise ngebala labo. Mabazidle ngobuhlanga babo ngangoko batandayo, makuti oko kuzidla kwabo kubabangelo ukuba bangenzi izinto ezilambata udumo olulile, zoburalarume, nokuswela imfanelo kwabo bangaba abasikelelekanga njengabo. Okwesake isiqu ulangazelela ukuba imfanelo nokulunga kube sesona siseko sayo yonke into eyenziwayo, waye ngalomoya eya kulinga ukubakonza bonke abanyuli bake.

## Impawana.

ELIBANDLA elimisa imiteto IPALAMENTE, yolase Kapa livulwe ngenteto yentshayelelo ngu Mhlekazi i Ruluneli ngolwesi Bini lwaleveki. Lenteto ibalulo amabakala okwanda kwento zamalungelo ngecala lololiwe. Itete ngemicimbi yelama Mpondo ukuba kwizipitipiti ebeziko u Rulumeni ulumkele mnda; wayesiti ingxelo yomtunywa kwelo iyakubekwa pambi kwebandla. Yakubon' ukuba ite capa kubalo ivakalise ukuncipa kwemali zakomkulu, Yabalula imiteto emitsha eya kubekwa pambi komzi ebiseyihlokonyisiwe. Kuvakaliswe nokuba kuzakudalwa embusweni isobe olitsha lokukangelela imfanelo zabalimi.

KWIPEPA lase Dordrecht NGE GLEN GREY silumana, nakuba ingaxelwayo into abetunyelwe yona u Mr. Graham imantyi yakona ukuya kuyiqonda e Glen Grey ngati, ibikukukangela ukuba akungenzekena ukuba incitshiswe imihlaba yabantsundu, ngalendlela ibirorelwa e Agnes, indawo eziseleyo zitengiswe kumafama amhlope. Lifike elipepa liti lonto ingaba bubutshivela nempango ekuyakufuneka bayamene ngamacala bonke abantu abalungileyo ukuyichasa.

Abatengisi-tywala kwabantsundu bapetwe ngqongqo e Transvaal. Lonto lelona hala lihle embusweni wama Bhulu. Ngo 18 May e Johannesburg kwadliwa umlungu wenkanti £25, wahlutwa nelungelo lake lokurweba ngotywala, kuba etengisele ontsundu utywala. Siti tina, Tshotsho kubenjalo.

Isipumo sobalo lwabantu kwela Bahlambeli (bengaqukiwe abapantsi kwenkosi zabo) sesi:

Sinosizi ukuva ngepepa lase Skopu ukuba u Mr. Solomon Matolo ongu Mvangeli kona ute. ngase Komani, ebesiya kutshata e Gcuwa, wafunyanwa zipompotela ezibini, igxagxa nomfo ontsundu zamenza into embi. Uruneke utupa kobo budididi. Izihange ezo ngati zibe zinxililo zozibini. Hai into ezizalwa butywala !

ELIPEPA LIPUMA
NGOLWESI-NE
*IVEKI ZONKE.*

Lijonge Ilungelo Lomzi kupela.
Limele imfanelo ya Bantsundu ngapandle koloyiko.
Alicaluli Sizwe nalu Nqulo.

# IMVO ZABANTSUNDU

Lirolelwa 3/6 nge Kwata (itunyelwe ingekapeli) 4s ipele i Kwata ingarolwanga.
Unokuhlaulelwa wonke Unyaka ekuveleni kwawo nge 13s 6d.

-----o-----

Izaziso Zabazelweyo, Abatshatileyo, Nemibiko, irolelwa 2s 6d, zingene kanye ; 3s 9d kabini; 5s katatu.

NATIVE OPINION

*Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.*

IXABISO 3d.] KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, MAY 28, 1891. [Vol. X, No. 343

KING WILLIAMS TOWN ADVERTISEMENTS.

## DYER AND DYER

KING WILLIAMSTOWN.

## IMPAHLA EZINTSHA,

(Ngo Stemele bonke)

Ibhulukwe zamadoda ze Flannel emhlope ziqalela kwi 7s. 6d. nge par.

| | | |
|---|---|---|
| Ibhatyi | Zelanga zelinene | 7s. inye. |
| Ibhulukwe | | 5s. nge par. |
| Ibhatyi | Zehlobo ze Holland ze | 4s. 6d. inye. |
| Ihempe | Tennis Ezimhlope | 2s. inye. |
| Ihempe | Zokusebenza | 3s. inye. |
| Ihempe | | 1s. inye. |

IMINQWAZI YOBOYA, IMINQWAZI YE STROYI, IMINQWAZI YE STOFU Intlobo-ntlobo-yamanani onke.

Zonke intlobo zengubo Zamakwenkwe, Zabafana, nezamadoda.
Ibhulukwe zekodi ezisikiweyo ziqalela kwi 6/6 nge par.
Impahla Entsha, Amapini, Ibhola, ne Net ze Tennis ezisand' ukwamkelwa.

IMPAHLA YE BHOLA.

IBATI, IBHOLA, IZINTI, EZONA ZITSHIPU E KOLONI. ZININZI ZENZIWE NGABONA BENZI.

*GQALA.—I Club zitengiselwa ngamanani elungelo.*

Isuti zamadoda ezisikiweyo ziqalela ku 50s.

(Iziziba nento zokuzimejela, zinikwa ngesisa kozifunayo).

Intlobo ezihleliweyo zokucitshwa, ze Zitofu, ze Diagonal, ze Serj, Zezitofu ezitofotofo, ze Kodi.

Umsebenzi, uhlobo, kwanokummila umntu,— Kungabekelwana ngako.

IVENKILE ETSHIPU E KOMANI,

## DYER NO DYER,

KING WILLIAMS TOWN.

f2310

## BALIMI: KANGELANI APA!

IXESHA LOKUTYA LO 1891.

SINOVUYO olukulu ekweziseni ukuba sizimisele ukutenga amanani amakulu, kususela kwingxowa enye kude kuye kuma waka amahlanu, xa isampulu zizezilungileyo, INGQOLOWA, IRASI, IMBEWU YEHABILE, UMBONA, AMAZIMBA, IMBOTYI, ITAPILE, njalo-njalo,

Ngamanani Apakamileyo ase Markeni NGE CASH

*Ipetshana elixela ubunzima namaxabiso, liya kunikwa umtengisi ngamnye.*

ISEBE LOKUTENGISELA

Kuya kusivuyisa kunene ukutabata umsebenzi wokutengisela nabanina INKUNI, IHABILE, UMBONA, okanye nantonina kwi Marike Yakusasa. Sokupa nomntu oyaziyo idolopu ukuhamba ne Nqwelo. Sibiza imalana encinane ngokutengisela umntu.

GILBERT FOX and SON,
MARKET SQUARE, KING WILLIAMS TOWN.

## WOODROW & HOWARD

BAFUNA ukwazisa izihlobo zabo Ezintsundu ukuba baqale ibhizinisi yokutetela Ifandesi (Auctioneers), njalo-njalo, kwivenkile endala ka WHITLLE, baye beya kuvuyiswa kukufumana impahla yentlobo zonke, eya kutengiswa kwamsinyane ngalo mini ye fandesi.

LADY FRERE ADVERTISEMENTS.

## J. W. GARRETT & CO,
LADY FRERE
IZITORA EZITSHIPU.

Ingubo Zamaledi, Iswekile Nekofu, nento zalowomkondo, Izihlangu, Ingubo Zamadoda, Isali nempahla yalowomkondo, Ubugoxo bento ezifunwa nangumzi Obomvu.

*Kunikwa amaxabiso angapezulu ngo BOYA, IZIKUMBU, UKUTYA, ne MPAHLA EHAMBAYO.*

KING WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

## Beauchamp, Booth Co,

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)
Ivenkile YE MPAHLA. EZIBUHLUNGU NGAMAXABISO ANGATSHIPU.

ITYALI—Zintle kodwa ziyalahlwa, ziqala kweze 4/6 to £2 inye.
I PRINTI ezi " best " ezihlanjwayo 6d. yard.
Edluliseleyo itshipu i Satin Emhlope ne Cream i Muslin yokunxiba enemigca 4 ½ d. yard.
I Satin Ezimhlope nezi Cream, 10 ½ d., 1/-, 1/6 nge yard.
Ingubo Zabatshakazi ezenziwa nge zintsha ifashini.
Iflawa Zabatshakazi. Izigubungelo Zabatshakazi.
Ingubo Zokutshata Zamadoda, Izitofu zokwenza Ibhulukwe Zokutshata Ziyasikwa.
Ibhatyi Ezimnyama ezi "best" Zetwidi.

*Yizani kuzibonela ezimpahla ngokwenu. Ngapambi kokuba nitenge napina yiyani ko*

BEAUCHAMP, BOOTH & CO.

E-QONCE, KINGWILLIAMSTOWN.

## AMAYEZA

## KA "SIKWA"

ANOKUFUNYANWA KUPELA
KWI ARENTE YAK E
— U—

## ALWINUS BOCK,
E MARKET SQVAKE. B Q'ONCE.

## "THEARCADE."

PEACOCK BROS. & WEIR,

NGOKU BANEMPAHLA ENINZI EKETIWEYO

Yabo BONKE Ubuqheleqhele
B AMANKAZANA.

IMPAHLA ZAMADODA,
IZIHLANGU,
I SHOES, njalo-njalo.

Lempahla ilungele Abantu Bonke, Amaxabiso Onke, Nendidi Zonke.

*NGOBUHLE NANGOKOMELELA AYINA KUHLULWA NAYIYIPINA*

Abo bangaba banento abayifunayo elunge nezi zinto zingentla boba baya zinceda ngokutyelelela

## "THE ARCADE,"

E KOMANI.

## Kubo Bonke Abalesa ' Imvo'.

BANGABA banceda kwa Ipepa lendaba labo abantu bakowetu ukuti, xa basukuba benento abafuna uku zitenga, bavelele, ngangoko banako, kuzo zonke indawo Ivenkile ezimpahla ihlokonyiswe ngezaziso kwi " Mvo." Kungalilungelo nakubo bengayifihlanga lonto kubaninivenkile.

GRAHAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

## BON MARCHE
E-RINI

Sineyona mpahla ininzi, nentle esi Xekweni apa.

ONKE AMAGUMBI ANEMPAHLA EKETIWEYO.

Ezona Printi zintle 4 ½ d ne 6d nge yadi. I Galatiya 6d ngeyadi. Ikeleko Emhlope ne Brown, iqalela kwi 2 ½ d ngo yadi. Iflanele 3 ¾ d nge yadi. Ilinzi 4 ½ d ngeyadi. I Sunshades 1s inye. Ikwillti 2s 11d inye. Itawuli 3d inye. I Cretomes 2 ¾ d nge yadi.

IMPAHLA YAMADODA,
YONKE IYELUNGILEYO:

IBHULUKWE ZEKODI ziqalela kwi 4s 6d inye.
IBHATYI ZEKODI ziqalela kwi 10s 6d inye.
ISUTI ZETWIDI ziqalela kwi 14s 9d.
IHEMPE ZOKUSEBENZA ziqalela kwi 1s.
IHEMPE EZIMHLOPE 2s 11d.
IMINQWAZI iqalela kwi 2s 6d. .
IKAUSI ziqalela kwi 4 ½ d nge pair.

## INDLU YAMA-NENEKAZI

*Yonke Impahla yabaza Kutshata iko.*

Ilokwe Esezitungiwe, nabo bonke Ubuqheleqhele bamankazana, bunokwenziwa nge xesha elifupi.

JOHN W. BAYES & CO.,
Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square,
GRAHAMSTOWN

f1l1290

KING WILLIAMS TOWN ADVERTISEMENT.



LEMINYAKA I 18
IGQITILEYO,



SINGENISE KWELI LIZWE

## IBLANKETE ZOBOYA

*EZILUKWE NGOBUGCISA OBUBODWA, Igama lazo yi "EXTRA NAVY or MATTROSS."*

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo; esigqibe ke kwelokuba SIZIPAULE i BLANKETE ZONKE ngopawu esiluqinisele na Komkulu ngohlobo lwemifanekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENENE, kangelisa kunene ukuba inawona umfanekiso we NGONYAMA kwelinye LAMASONDO ayo.

ZONKE EZI BLANKETE ZIZEZINGATANDATYUZWAYO.
ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU.
IBLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkile enitenga kuzo-ke bizani Iblankete ezinomfanekiso we Ngonyama.

Ziya kubako kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke.

APO ZIPAKULWA KONA KUKO

## PEACOCK BROS, and WEIR,
E QONCE.

Ngabo bodwa abanokubhala lomfanekiso we Ngonyama.

## Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

## BOURKE no MARSH,

E Nyutawini nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcantcatweni.